

Imvo Zabantsundu.


(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, APRIL 8, 1890.

[No. 282



BAKER, BAKER & CO
EQONCE

BAMEMA bonke abantsundu Belase

Maxhoseni, na Pesheya kwe Nciba ukuba beze kubona impahla baho eninzi Isuti ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 11/6.

Ibhulukwe ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 4/6.

Iminqwazi efudumeleyo itshipu iqalela kwi 2/-. Ibhatyi ezinkulu ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 12/-.

Iblankete ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 1/-.

Izihlangu, ne Shuzi, Ihempe, Izikafu, nengubo zonke ezifudumeleyo.

Kauze kubona, ukuze uzitengele ezobusika, bungekatwasi.

BAKER, BAKER & CO.
E-QONCE!

Beauchamp, Booth Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Ezamadoda Ibhulukwe ze Stofu 5s 6d, 6s 9d, 7s 6d, 8s 11d.
Ibhulukwe ze Kodi (EZILUNGILEYO KANYE) 7s 6d.
Ibhaty Zamadoda—iqukunjelwe yonke, 5s 6d.
Ibhaty Ezimnyama Zamadoda ze Tweed, 15s 6d.
Isuti ezitambileyo zamadoda, 12s 6d, 14s, 18s 6d, 20s.
Ibhulukwe ezingwevu zokutshata 16s 6d.
Izihlangu zabafazi 5s.
Izihlangu zamadoda zohlobo ezomeleleyo 7s 6d.
Ihempe zokusebenza zamadoda, ziqala kwi 1s.
Ihempe zesitashi zamadoda (ezinamabala), 2s 6d.
Ezimbhlope Ihempe zamadoda zesitashi, 3s 9d.
Ikapisana ze Tweed zamadoda, 10 1/2d.
Ezamadoda Izihlangu ze njiroba. 6s.
Iminqwazi yamadoda ye Tweed, iqala kwi 1s 6d umnye.
Eyofele iminqwazi yamadoda, 2s.

Ozi Keleko, Printi, zi Tafu zamanenekazi, Mazilini, Izinxibo zokutshata ze Satini, Izigubungelo zaba Tshakazi, nezinye izinto.

Abamnyama bayayitunyelwa impahla ngeposi xa balitumeleyo ixabiso layo.

Bayasikelwa Ingubo Abatandayo.

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

Isaziso sika Rulumente
Ko. 123, 1890.

Attorney-General's Office,
Cape of Good Hope,
3rd February, 1890.

KUYAZISWA ngokwe sishumayelo No. 30 sanamhla okokuba Amatyal e-Jaji ayaku hlala kwindawo ezilandelayo ngemihla ezakukanywa emva koku, ziqala ngo 9 o'clock kusasa yonke imihla, eyile : KWELASE MA XHOSENI.
E Tinara, ngolwesi-Bini, 4 March, 1890
E Bhayi, ngolwesi-Ne, 6 March.
E Qonce, ngo-Mvulo, 17 March.
E Komani, ngolwesi-Hlanu, 21 March.
E Dordrecht, ngolwesi-Tatu, 26 March.
E Alvani, ngolwesi-Hlanu, 28 March.
E Rakesdolopu, ngo-Mvulo, 31 March.
E Monti (East London), ngolwesi-Tatu, 2 April.
E Gcuwa, ngolwesi-Bini, 8 April.
E Cala, ngo-Mgqibelo, 12 April.
E Mtata, ngolwesi Tatu, 16 April.
E Kokstad, ngolwesi-Tatu, 23 April.
E Bofolo, ngolwesi-Hlanu, 9 May.
E Nyara, ngo-Mvulo, 12 May.

Kanamanjazo kuyaziswa ukuba xa sukuba i-Jaji ite yafinteleka ngesizatu ebesingazeki ukuqala amatyala kwezondawo zingentla ngalomihla imisiweyo, yoseiqala nangawupina umhla efike ngawo kulomzi okanye kwakamsinya ngangoko koyilungela.
THOMAS UPINGTON,
Attorney-General.

ISAZISO.

KWI HEWU.

KUYAHLOKONYISWA ukwaziswa okokuba nge Siquqala so Mteto we Mihlaba Elahliweyo No. 3 wo 1879, ohlonyelwe ngo Mteta No. 24 we 1887, okokube iziziba zomhlaba ezise Hewu nase Kamastone, kwisiqingata sase Queenstown, itatyatelwe ukuba yelahlliweyo ngoko kuxelwa emteweni; nokokuba u Rulumente uya kuyitabata ngo 15th JUNE, 1890, de kube kuko ibango nokuhlulwa kwe rafu ezidlulelwe ngamaxesha kwi Civil Commissioner ye Siquqata, njengeko kufunwa sesi sahlulo salo Mteto sise sikankanyiwe.

Incazo ezeleyo yale mihlaba ilahlliweyo yofunyanwa kwi Government Gazette Notice No. 1010, 1889, yomhla wa 25 November, 1889, eshicilelwe kwi Government Gazette.

W. B CHALMERS,
Civil Commissioner.

King Williams Town,
13th January, 1890.

EKA GRAY

Incindi Epitikeziweyo

—YE—

LINSEED NE

HOREHOUND,

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLA INGQELE, nazo zonke Izikuhlana zo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGE BHOTILE.

2/- LITUNYELWE NGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa
P. GRAY, Chemist and Druggist,
CAMBRIDGE ROAD,
KING WILLIAMS TOWN.

DYER-DYER

Bafikelwa ngamanani amakulu

Empahla Entsha Yobusika Obuzayo.

Kananjalo badwelise

IMPAHLA YAMADODA,

Ezamadoda Isuti ze Twidi ezinzinza 17/6

”	Ibhatyi	”	”	9/
”	loundulubhatyi	”	”	3/3
”	Ibhulukwe	”	”	6/

Ibhaty no Bhulukwe ze Kodi

(ZAMANANI ONKE.)

Isuti Zetwidi emnyama zamadoda

(ZAMANANI ONKE.)

Iminqwazi, Izandla, Amaqhina, Iblankete, njalo-njalo.

IMPAHLA EZINTSHA NEZIYI FISHINI

(Ngo Stemele bonke.)

DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

KANGELA!

GILBERT FOX NO NYANA,

Abatenga, Batengisele, Batumele Impahla,

SIFUNA ukukombuza ama FAMA ABARWEBI NO MZI wonke ukuba Sasingabakoyo nje, koko intumekelelo yetu ukutengela, ukutengisela, nokutumela nalupina uhlobo lwe ziqhamo zomhlaba, esesinatubaba atile obulula tina kwezonto. Sikulungele ukwamkela umsebenzi WOKUTUMELA NOKUTENGISA zonke iziqhamo kwi marike zonke zase South Africa, ngenxa yokuba kwimizi yonke ebalulekileyo sine arente zetu.
ABATENGISI bofumana ukuba kuluncedo kubo ukuzinikela kuti impahla zabo, kuba sihlala sine odolo ezinkulu, esiti ke saqala sitengise ezompahla zinkelwa kuti, ABATENGI bofumana ikwalingelongo kubo ukutumela i odolo zabo kuti, kuba abasindiswa kupela ingcapukisi yokuza e Marikeni, koko nokunyuka kwento ngenxa yokuhlutana ngayo kuya ncutshiswa, kuze ke kufunyanwe into e betele ngenani elingapantsi.
Amanani, etu ayabukeka, enokufunyanwa ngowacelayo.

GILBERT FOX AND SON,

W. McGLASHAN & CO.,

(MAGALA),
E-DIKENI

BAHLALA benezona mpahla zokunxiba zintsha ezona ntlobo zipilileyo ze Printi, i Satin, kwane Drillettes,

ITYALI, IZIHLANGU, NE NGUBO,

Zonke Intlobo Zabatsatayo Kwesi Siquqata, Ngamanani alungele bonke abatengi. Impahla yabo ifika ngazo zonke iveki ezimbini; kengoko impahla yabo ihleli intsha ifika.

Ufuna into ezipilileyo, ngawona manani alula yiya kwa.

w. McGLASHAN & CO.,

E-Dikeni.

Banika awona manani apakamileyo ngo BOYA IZIKUMBA, IMFELE, UBOYA BESEYIBOKWE njalo, njalo IZILIMO zitengwa ngamani ase Markeni.

GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

I-lokwe zokutshata ze Setini emhlope i-Ready-made 30/-.
I-lokwe zokutshata ze Setini e-Cream i-Ready made 30/-.
I-lokwe ze Alpaca emhlope Zokutshintsha
I-lokwe ze Setini enamabala 17/6.
I hems ezimhlope 1/6 inye; I hempe ezihonjisiweyo 1/- inye.

I-SETINI EMHLOPE 10d. nge yadi | I-SETINI E CREAM 10d. nge yadi
I-ALPACA EMHLOPE 6d. nge yadi.

I Kwilita zokulala ezimhlope 4/6 inye.
I Printi ezingapumiyo 3d. nge yadi.
I Printi ezilunge kanye ebize ze 6d., ngoku zitengiswa nge 4d.
Ityali zokuhomba ehlotyeni.

GIBBERD & BRYANT,

E-QONCE.

ABAZELWEYO.

DLAKIYA.—Kwa Jonono, Natal, Inkosikazi ka Rev. J. Stegmann Diakiva ibeleke INTOMBI nge Cawa, 23 March, 1890. —317490

XALA.—E Nyanyadu, Natal, Inkosikazi ka Rev. Richard Xala ibeleke INTOMBI nge Cawa, 23 March, 1890.—317490

IMBIKO.

MAKIWANE.—E-Xalanga, ngo Mgqibelo kusasa, 22 March, 1890, kubhubhe unyana opakati ka Timothy no Catherine Makwane, u TIMM MARTIN. Ubudala ubeneminyaka 9, enenyanga 4, nentsuku 19. Abazali balubikela izihlobo usizi lwabo.—317490

BONISANI!

KULAHLEKE e Zeleni ngobusuku bolwesi-Bini, 25 February, amahashe amabini. IMPEMVU EBOMVU, entle; NENKUNZI EBOMVU, amanqina angemva amhlope. Olandiayo wovuzwa xa atumela ku Mr. D. Dwashu, Ezeleni, naku Rev. P. Kawa, The Kabousie Mission, Stutterheim.—724490

ISAZISO.

NDIYA wazisa umzi wakowetu ose Maxhoseni, Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ugama lingezantsi, ndivule Ikaya Labahambi apa. Yeyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, kufupi ne bhuloro ekutiwa yi Dundas Bridge, apo nufumanisa kona impato efanelekileyo, izixhaso nokulala okufanelekileyo, ngarmanani apantsi kakulu. Kuko nesitali samahashe esine groom epapame kunene, ROBERT SHOLLA, Kowie Street.

Graham's Town, 28th June, 1889.

For Etembeni School.

ANATIVE TEACHER wanted at once for the Mission School of Etembeni, near Tamara. Only those with good certificates may apply to Rev. E. MINKNER, Etembeni, near King Williams Town.

OCELA AMEHLO.

NDICELA AMEHLO kubo bonke abantu ukuba bandincedo ngamahashe amabini alahlekileyo. Elinye LIMFUSA, amanqina angemva amhlope, linamabala amhlope emakwapeni, linomsho omhlope oze kuma empunlweni, liminyaka mitandtu lingene kowesixenxe, YINKABI. Elinye YINGWEVU EMDAKA, intloko imnyama, iminyaka mitatu, alikatanwa. Ondilandisayo umkondo wotumela ku Mfundisi wase Main (Qwebeqwebe), wovuzwa ngokufanelekileyo. BOYI SKAPA. April 4th, 1890.

BONISANI!!

KULAHLEKE amahashe amabini apa. INKABI ELUBELU ayipawulwanga, isingci netshoba zimnyama, liminyaka mine ubudala. NETOKAZI ELINGWEVUKAZI EBOMVU ERHANQA, liimpemvu, likwa minyaka mine ubudala, kwimikono yangapambili line mpawu ezindala zomqobosho. Ondilandisileyo wovuzwa kammandi. Makabehalele kuma. Alahleke nge 22nd ku March, 1890. HARRY M. MTOMBENI. Hackney, April 2nd, 1890.

Iveki.

ABAMKELI be Mvo abangekayihlati imirumo yabo mabenjenjalo ukuze Ikota entsha siyiqale kakuhle.

NJENGOKUBA u Mr. J. H. Brady, M.A., Umlholi-Zikolo welise zantsi, ebanjiswe indawo ka Rev. Dr. Cameron, yokulungiselela imicimbi yebandla lemfundo epakamileyo, umsebenzi wokuhlola kwisiqingata sake uyakuhanjiswa ngu Rev. Canon Woodroffe, M.A.,

ibinga yinto embi ukuba siti cwaka kwelixa lokupumla kwake emsebenzini wakomkulu. Intsebenzo ka Mr. W. B. CHALMERS kweli lase Koloni yebaluleke kakulu neyambatise lonke eli silimiyo. Kuyo yonke intsebenzo yake ebebaluleke ngenyameko nokuzinikela okukulu emsebenzini. Sivuya kuba kungasafuneki ukuba sibuye saleke amazwi kumsobenzi u Mr. CHALMERS awense kwelase ntshonlanga lase Koloni. Indlela enesidima nenyameko awenze ngayo seyiconywe kade ngawama Ngesi amapepa. Kodwa masiyixele mhlope indawo yokuba eyona ndawo azibalule kuyo u Mr. CHALMERS kupata okuhle imicimbi yabantsundu. Ngaye kunokutshiwo pezu kokuba kunokwenjiwanjalo kwabaninzi abanamabango okubizwa ngokuba ngamagcisa ukwazi ngontsundu, yena, ubelungqondise ngokugqibeleleyo uluvo lwabantsundu, ubevelana kanye namawetu Impumelelo yake ebalulekileyo isekupatani abantsundu. Ute ke ngoko wabanokutenjwa nokutandwa ngabobonke abantu abantsundu belimiweyo, abamibulelo neminqweno emihle iyakumlendela ekupumleni kwake ukumfaneleyo. Into epambi komzi ozakulablekwa yimpembelelo, namacebo, novelo lwake xa ebeseemsebenzini kweli lizwe kukulila okungatetekiyo. Siwanqhinale siwatabata amazwi azukileyo omelelana lwetu i *Cape Mercury* esifuna ukuqoshelisa inteto yetu ngawo. Lenjenje ke ukuteta elopepa:—Asingengeleli xa siti ngazo zonke indlela ebenguwona mfuziselo wesicaka sakomkulu. Asinamoya usikohlisayo ekubeni siti saneliswe ukuba u TSHEMSE ngomnye wamapakati anembasa komkulu awake angabapati kwimicimbi yomzantsi wase Afrika. Akufuneki mazwi kuti okuba siqhine ukuba ngexa lempato yake kule dolopu nesitili uzifumanele imbeko enkulu yabo bonke abantu. Njengesitunywa sakomkulu uyiqube ngokucocekileyo imicimbi ebhekiselele kulo nkundla; njenge mantyi nte wabululeka ngokungahlukani nemfanelo edibene nokusetyenziswa kwenceba. Abantsundu ekungatiwa ukubizwa nguninzi, abasandulu kubonakala kutsha nje kwintsuku zokugqibela pambi kwake, abazange bake baririzele imfanelo yezohlwayo abaukelwa zona, nalolo didi lwabantu soloko etatwe ngembeko leyo bati bayibonakalise kubapati abo babasi ngapandle kwe ntandabuzo nababatembayo ngokufezekileyo. Ke ngoku pakati kosizi lwentlanga zonke u TSHEMSE upumile kumsebenzi nemitwalo, yesihlalo sake esizukileyo, wayeke engene kupumlo olumfaneleyo. Bonke abambekileyo bannqwenela impumelelo belandelisa ukunga angalandelwa ngamatamsanqa kunye nentsapo yake.

Siva ukuba u Mr. CHALMERS uzimisele ukuhlala e Monti.

SIVA ukuba u Mr. CHALMERS uzimisele ukuhlala e Monti.

SIVE SABONA

Ipepa lendaba elona lingumlomo womzi wasema Bhulwini liva lisiti. liteta ngovoti le izakubako e Tinaru, ekubeni u General Nixon engoyakungena e Palamente ukuya kuncedisa Iimbumba yama Bhulu entweni ejonge kuzo, u Mr. Reed okwase mnyada. leni ugwecwala lo Mr. Mackay. Yiyo leyo ke imbangi yokuchaswa ko Mr. Reed yi Mbumba Yamabhulu nabo isebenza nabo ukungenisise i General, nati ke seso sizatu kanye esibange ukuba siyichase i General, sixolele ukubona kungena u Mr. Reed. U Mr. Mackay, ukuba impi entsundu ayimqondi, ungumhlobo esimtembe nanini tina.

Abapatiswa-Mahlati bakomkulu bauhlahise kakubi umzi kweli ngoku bangene ekufakeni imibuzo kwimizi ene Bhodi. Befikile kweyase Cumikala bafumene enamandla ngangawabo. Yona ite yakufikelwa zizaziso zabo yabulela ukuxhunywisa kwawo. yati ngengqibo zenxengapambili akanazwi u Rulumeni kumahlati akwi Komaneni yomzi wase Cumakala Uhlile kwelokubanga amahlali owakomkulu ngoku, ungenisa indawo yemikoba ukuba ipendulelwe ngyue. Owe Bhodi yase Cumakala uti akaswelekelwe kuyipendulela. Kusemi apo ke. Uti nina ngoku umzi owawunyelisa. IMVO ngexesha levoti enkulu, xa yayisalata ukuba umzi wenzelwe umteto ogadavu ngokugqitileyo wamahlali? Sivuya ukuba ukuba umzi wenzelwe umteto ogadavu ngokugqitileyo ukudibana ngabatunywa zibe nebhungane ngalento, zimeme amalungu e Palamente, ukuze atabate umphunga womzi.

Abafundisi e Rini.

[NGUM'BHABKLI.]

Yaqala ngo23ku January, 1890, endlwini ye tyalike ya Malau. Kwawunywa iculo, walesa iculo 103 kwaka Davids u Rev. E. Gedye, kwatandaza u Rev. W. Holford no Rev. S. Ntsiko.

ABEBEKO.

Basabela bonke abafundisi akubizwa amagama abo, ngapandle kuka Rev. J. Lwana owayengeko ngokungapili. Wawunyelwa ukuba angabiko, kwatunyelwa nencwadi yokuvakalisa ukwelana naye. Kwabamhlope kwakuko bahlanu ngapandle kuka Rev. J. Smith Spencer, Umpati-ntlanganiso. U Rev. T. Chubb, B.A., wacelwa yintlanganiso ukuba abeko.

Akuzange kubeko nto ixelwayo icasene nesimilo samfundisi.

INGUQULO YASE BHAYI.

Into eyabangela ukuba u Mr. Mafonggo abo so Bhayi endaweni yokubase Humansdorp yaxelwa. Intlanganiso yaneliswa yiloncazolo. UKUPUMLA KUKA MR. LWANA.

Kwawunyelwana ngelokuba u Mr. Lwana apumle unyaka emva kwe Konferens ezayo.

ABAFANA NO BUFUNDISI.

24 January.—Abafana ababafuna ukungena ebufundisini abamkelwanga yintlanganiso.

UMMELI E KONFERENS.

Kwawunyulwa u Rev. D. Msikinya ukuya kwi Konferens. Kwesisisimba

ANGENA AMAGOSA

nabanye ababeze endaweni yamagosa. Waposa amazwi Umpati-ntlanganiso awati pakati kwawo: Kuyamvuyisa ukubona iqela elingaka lamadoda angengalo bafundisi. Ukuza kwala madoda entlanganisweni kuya kwenza ukuba awuqonde umsebenzi kwanje ngabafundisi. Waye etemba ukuba awunyamkela umsebenzi xa alapa entlanganisweni naxa ase makaya. Kwakuko amagosa alishumi elinambini. Wayqutya ke umsebenzi.

ISIXHASO SOBUFUNDISI.

Kwawakaliswa ukuba isiko kukuti yonke imali yenkongozelo ivakaliswe entlanganisweni yenyanga ezintatu.

INTSHUMAYELO KA REV. J. SMITH SPENCER

U Mr. Spencer washumayela ngokuhlwa kwintlanganiso enkulu kunene. Emva kwentshumayelo kwabako umtendeleko we Nkosi.

25 January.—Wabulelwa u Mr. Spencer ngenxa yentshumayelo yake, wacelwa ukuba aze ayishicilele.

UKUHANJISWA KWE LIZWI.

Kwati kwakufikwa emcimbinu wokuhanjiswa kwelizwi, kwafumaniseka ukuba imali yalo nyaka ingapantsi kweyanyakenye, kwawunyelwana ngelokuba Konferens icelwe yenze umteto wokuba akutshwe amapepa iminyaka yonke kuyo yonke imijikelezo.

26 January.—

UMHLA WE SABATA.

Emini kwashumayela u Rev. B. S. Dlepu wase Bhayi ku Mat. xxii; 42 "Nitinina nina ngo Kristu?" kuntlanganiso elingeneyo. Entambama u Rev. G. Kakaza wase Nkukwebe waposa amazwi kubahambi besikolo se Sabata kula mazwi, "Niyityuwa yomhlaba nina," Mat. v: 13. Kwangelo xesha kwabako inkonzo ezimbini e Lokeshoni zipetwe ngamaqela amabini abafundisi namanene angengabo bafundisi. Ngokuhlwa kwashumayela u Rev. S. Magawu wase Mtati endaweni ka Mr. Msikinya owayengapile kakuhle. Washumayela kuma Hebere iv. 14. Yayizele londlukazi ye Tyalike. Kwabako abazinikelayo.

KWANGOKUHANJISWA KWE LIZWI.

27 January.—Kwapetwa ukuqwalaselwa kwemali yokuhanjiswa kwe Lizwi. Onke amalungu antsundu avotela ukuba, kuyafuneka ukuba kubeko umfundisi omiselwe (set apart) ukupata imicimbi yokuhanjiswa kwe Lizwi, nokuba ekuboneni kwawo wona u Mr. Spencer ufufanele lomsebenzi. Kwabamhlope wabamnye owayichasayo lento. Abanye abavotanga, bati bayakuvota kweyabo.

UKUFUNDISWA KWENTSAPU.

Kwawunyelwana kanjako ngelokuba abafundisi abantsundu babe nelungelo lokutumela ezisinaleni abo bantwana bodwa bazalwa emva kokuba oyise bamkelwe ekulingweni yi Konferens.

IGOSA ELINGUMMELI KWI KONFERENS.

Kwawunyulwa u Mr. Thomas Mqanda ukuya kwi e Konferensini.

EKULUNGISELELWA KWE SIMNARI

Kwawunyelwana ngelokuba ati lomntu uy i Governor abe kwazi Head-master ye Simnari yase Nkukwebe. Waba mnye oyichasileyo lento. Kanamanjazo kwawunyelwana ngelokuba kubeko amalungu antsundu kuzo zonke i Komiti ze Simnari zabantsundu.

IZINCOKO NGEHAMBISO YELIZWI.

28 January.—Kwabako isincoko ngomsebenzi ka Tixo. Emka emva kwaso angengabo abafundisi.

UVIWO LWABA FUNDISI.

Kwaleswa ingxelo yoviwo lwabafundisi abase ugabalingwa. u Mr. Mafonggo no Mr. Nqana, kwatiwa iKonferens mayibabeke ekulingweni unvaka wesibini.

INDAWO YENTLANGANISO.

Intlanganiso yonyaka ozayo yobase Ngqushwa ngo January 1891.

IMICIMBI YE KONFERENS.

Kwaqosheliswa ngemicimbi ekucelwa i Konferens ukuba iyilungise.

ISIPELO.


Yaleswa ingxelo yonke yentlanganiso. Yaba ke iyapela intlanganiso yomnyaka we 1890.

ISIHLOMLO.

Ngokuhlwa kwabako intlanganiso ye Bandla lase Wesile elise Rini yokubona abafundisi namagosa. Yayipetwe ngu Mr. Robert Xola, omnye wabantu abakwaziyo ukuyenza mnandi intlanganiso abayipeteyo. Kakade yabangabantsu

ndu bodwa negeudwana lama Lawu. Kwakungenwa ngesheleni ngapandle kwabo kwakuzekubona bona. Yati yala kammandi londlukazi ye Tyalike yama Wesile antsundu lulutsha. Yancomeka kakulu lento yokuzakolutha kuhle kangaka, kuba kwakuko izinto ezintle pandle ezazisenzelwa ukwamkelwa kwe Ruluneli. Kwavuyisa kanjako ukuba ukuba lombuto yacetywa ??? mbi, yaza yalungiselelwa ??? Kwabako intwana yezixhaso. ??? wawupetwe ngu Rev. E. Maga wumelwe ke kakade ukuba ub ??? Baba liqela abafundisi abat ?? gosa, kodwa asiko isituba sokuxela inteto zabo ezimandli nezifundisayo. Yapela intlanganiso emnandi nendilekileyo selihambe kakulu ixesha.

[Ingxelo ezinje sizinqwenela isahambiseka intlanganiso.—EDITOR *Imvo.*]



[NGUM'BHAALELI.]

IMVULA.

Inyanga egqitileyo February kwano March, zibaluleke ngemvula ebezizalisa imilambo ngokungumangaliso.

IZILIMO.

Noko ingafani neyeminyaka inqholowa izuzwe ngokwaneleyo, kuba nevenkile sezinyika amanani apantsi. Ukuba uzuze 12s 6d., yinto enkulu leyo. Inqweleoyimijazo ukubhekisa e Alvani. Esamazimba okwenza idala kwamoso mbona izivuno zoba zikulu kanye. Amasimi achume into engatetekiyo.

IZIKOLO.

U Mr. John Samuel njengokuba eberirizelwa ngokuba ngokungaginyisi mate nje kubantwana bezikula noko kulonyaka ngutube ngokufanelekileyo. Apo acinezele kakulu kukwi Standard II. and I. kuba esiti incwadi ezileswa ngabobantwana (primer no. I and II.) azimanelisi.

INTLANGANISO YELISO.

Ngati ilungiselelwa ukuya e Blikana. Igqili ngefizida ngenxa yomfana ovinyamakele kunene kwisituba sayo lontlanganiso u Mr. J. M. Gundwana. Noko selepanitse ukuba minyaka mitatu nje eyongamele, inkutalo yake yemangalisayo, kuba usebenzisa amahashe ake ukuyimema, akupe netnali zake ngamanye amaxesha, kuba uyatanda ukuba umsebenzi nina. Inkosi ziyamtanda kakulu. Kanjalo ngyenamntu oyakuti azizise msinyane elukanyweni kunabo bonke abongameli bentlanganiso ye Liso yakona.

AMAKWEDE.

Kanti ke noko kuti bantsundu nokuba umntu selezilahle emsebenzini omhle nonakulu somana ukumcukuzelela. Njengokuba iko indoda ebalulekileyo nebekileyo apo e Gqili efana yenza umchasi ka Mr. Gundwana, kodwa ayivumi kuza ezintlanganisweni ukuza kubeka izizatu zoko. Waka wada wati u Mr. Gundwana uyapuma ekongameleni wamqanda umzi kwankonosi. Noko ngengazi katazi ngenxa yomntu omnye naye u Mr. Gundwana. Ndingavuyisa ke ukuba nangoku ndite ndambona esavunyamakele njengoko umsebenzi wake. Pambili Mr. Gundwana, koda kukanye. Silindele izinto ezinkulu kuwe.

UKUIKA KUKA MR. J. J. JABAVU.

Ibe yimini enkulu ekwalusizi e Benjosen aye, mhla nge 28 March, ekwakubuliswa ngayo utitshala wesibini u Mr. J. J. Jabavu, ukungena e Qonce, apo ayakuhlala kona de i Konferens yase Wesile ininike indawo ebufundisini. Kwati malunga neqanda leshumi linambini bakutshwa abantwana besikulu isikula bahanjiswa bephahle ngu Rev. W. Hurt ngeniye icala, ngeniye ngu Mr. Geo. Baker, wati ke lomtyino wabheka etyalikeni, ukuya kuditywa kwesentombi apo isikula. U Rev W. Hurt wenze amanqaku ebonisa ukuba u Mr. Jabavu ebengamcedisi u Mr. Baker kupela emsebenzini wesikula, kodwa ebeluncedo olukulu, emncoda e Ramenteni nase kukangeleni amaboyisi. Wagqiba ngelokuti unozizi ukwahlukana naye, waye enga angasikeleleka benenkosikazi yake kulondawo Inkosi yoti ibatumele kuyo.—U Mr. Baker wati, u Jonathan ndimkumbula xa wayepetwe ngengalo ngu nina emsa elubaptizweni. Esikuleni ebengemntwana ubukali, kodwa ebeyindodana engcambazayo. Wenza ufuzekeliso nge hashe elitsala ikari, wati njengokuba lingeze labaleka kakulu kanti noko umsebenzi walo uhleli ubhekisa pambili, wayenjalo ke lomfana. Ngo John Tingo umkuluwa wake wayebukali, kakulu esikuleni. Kanti noko yena akayitandi into yokuba umntwana abebukali, kuba izinto wumbi ziyampuluka. Utanda lo oti into ayizamele kanti woti akuyifumana ayigcine. Matatu amaxesha esahlukana nalendodana, kuqala kwaku ngo 1874, okwesibini ngo 1882, ngoku ke babuye bayahlukana. Yena angati abantwana mabatate lomzekelo wake wokungcambaza ezifundweni, bayambona ke yena ngoku engomnye wetitshala ezimpumeleleyo, enozizi kakulu ukwahlukana naye. Nokuba akambhaleli apo akona wohlala emkumbula. Yakuba ipumile intlanganiso, kulandela amabhaso, u Mr. Baker umike i Initia Gracca ne Greek Testament esiti ubonisa ukukoliseka kwake nokuba uvakolwa ukuba wozisebenzisa ezoncwadi.—U Miss Leah Makatse egameni lamantombazana umnike i Bible yesi Ngesi esiti yanga Inkosi ingamgcina.—Amadodana esinjala enze infeto ezibuhlungu esiti zimba eli asinto inokubonwa iziqhamo zayo ngapandle kokuba lide libole. U Mr. Jabavu zininzi izinto abewakolisa ngazo, ngakumbi ke emka nje ungenje zimba elo akusitela zizakupuma iziqhamo zake. Kwakubi ke kakulu sakubona inyembezi kudodana ngakumbi kolo enyuka nalo evela kwelasezantsi. Umzi omkulu wona nobomvu ufane wangamayilo kuba wangasacingi ukuba woza abuye emke.—Ukatshwe ngamadodana amabini amsa e Aliwal ngolwesi - Hlanu, 28 March, ekwele kumashe amasinjala lawo, kuba ebetanda ukumnceda ngayo yonke into.

UKUTANDA KOMNTU.—U Professor Briggs wase New York uti, "Ndiyivela usizi indoda etanda intando yayo—okanye ndivela umfazi nabantwana bayo. Eyona ndawo yomntu onjalo isenqantosi, pakati kwemiwewe nase zingxangxasini."

Umtsi Emachubeni.

[R. T. NUKUNA.]

Nge 21 March, 1890, ngomngopiso sinduluke, apa Queenstown no Mr. J. W. Sondlo wase Lesseyton, emyake breakfast sikumbula e Machubeni, idliwe idinala sikulule e Mgqukuwebe, latshona sikwa Mr. T. Zwedala, e Machubeni.

ILIZWE, libe lihle, liluhlaza lonke, kubonakala ukuba amaxala endlala nobunzima obuwalandelayo akako ezintlizweni zabantu, ngenxenokuba

IZILIMO, ziyatembisa, kwimilanjana yonke yelo lakwa Tato.

EMACHUBENI.

intliziyo zicwayitise bubuhe belizwe kuba ekubeni besimana sivisa ukuba ngu ??? omhle wempahla nezilimo kwamela, kubonakele ukuba besingazange sixelelwe nesiqingata sento eliyiyo elozwe.

UMHLABA, wodwa wahluke kakulu kunezinye indawo zeli lapezulu; ufana nalo upezu kwe Busmans' Hoek emalahleni ase Cyphergate — Saqonda noko ukuba kufanele ukuba njalo, kuba luluxa lunye lwe Stormberg — kuba kaloko oko kunqhiniwe mhlope kukubako kwamalahle nase Machubeni.

AMALAHLE

maninzi nakona—siboniswe iziqalo eziliqela zemingxuma yawo ngu Mr. Zweda a obemana ehamba no Mr. Galaway ingcibi yawo eyayitunyelwe kwelozwe ngu Rulumeni.

ABANTU.

bellizwe sifumene bepambili kakulu kunabanye abantsundu ngentlalo yasekhubekeni (amagqoboka of course). Kusasa ngo-Mgqibelo u Mr. Zwedala usibopele inkabi zake ezingwevu ukuya kubona umngxuma wake wamalahlle. Lamalahle uyazimbela, de u Rulumeni awatate — ambuyisele yonke indleko yake.

UMNGXUMA

siwufumene ukwi 20 yards ubude ukungena ematunjini, omhlaba, uzinyawo ezintandatu ubupakamo ekungeni— zikwangako ububanzi, mahle kakulu kulaudawo selete ngku kuyo—etembisa betele pambili pantsi kwentaba. Ububanzi be *Seam* buzinyawo ezi 5 ne 4, u

MR. ZWEDALA

usimangalisile ngengqondo yake nenkatalo, kwaye kuzele endlini yalomnumzana intlobontlobo zamatye ekubonakala ukuba ngawe ntsimbi zobutyebi ezikweli lizwe. Siyatamba ukuba koze kubonwe igolide kwelozwe ngumntu omnyama — yozwe ibonwe nguye kuba ufana ne Ngesi ukuqwalasela yonke into esendleleni yake.

IZAKIWO

zamaqgoboka zigqitisele apo ngobuhle nobukulu nokupakama kakuhle. Sikoliswe yindlu yake nayintsapo yake— Kanti sakuti sakufika koka Mr. Henry Kalipa umzi ibe yenye into—emlungweni kwapela! Apo kungoko sahluko kumninimzi, kumnikazimzi, kunyana, kwi-ntombi ekuqabukeni nase kuchubekeni. Pambili nto yase ma Ireni! Sisuke apo saya kwi xego into ka Tshokotsha uAuklaas. Into ebubele, emzi mkulu, mhle, masimi abiyelwe ngo cingo. I *Farm* inkulu, yexabiso. Asabi nakuteta—sanga singavunyelwa ukwaka amapampe, kuba indawo leyo icwayitile. Lihokutshona sikowonyana u Mr. Solomon M. Tshokotsha—safika usekufaneni nokayise ukuba awugqitisele (indlu yodwa ke). Apa asisena kuncoma kuba songa senziwa kukuba kukwa mlanywakazi. Oka Rev. J. Dwane ukwamhle isakiwo namasini awo—Sayibona apo into ka Nchuka yase Mtati (u Mgwigwi). Kute kuba sasine *Plan* esalatisa ku Tsembeyi, sesuka ekuseni ngo-Cawa sagaleleka ngo 9 am kona — saquba inkonzo yokuqala—sandaluka ukubekisa emkanya. Apo into zo Sibeko u Komana no Booi Fani, bayaka ama hesi ezitena pezu kwe *foundation* zamatye. Sibope ngo 3 p.m. ngo 4-30 sabase Swatyalala. Sahlukana apo no Mr. Stephen Kalipa. Yena eshiyeka esikolweni sake. Sinduluke apo ngo 5 p.m., sagaleleka e Lesseyton ngo 7-30 p.m., salala — kwasa singena ekaya kusasa. Stembu ukuba sifumene ingqondo, kwanempilo entsha ngolo hambo lwetu.

UNYAMEKO NGOMSEBENZI WABAMNYAMA. — O-Messrs Howard & Webb, bazisa umzi ontsundu omcele Iqonce, Imonti ne Cumakala, ukuba awungerani nto ubapatise imicimbi efuna uteteleko ematyaleni, nangemihlaba.

IJAJI E ALVANI.—Yayihlelingolwesi-Hlanu, 28 March, u Mr. Lardner-Burke elele Nkosazana.—U *Jan Vumendlini* no *Twertwe* no *Wifbooi* ngoknba impahla ehambayo—kufanyenwe u Witbooi lisela lidala. Wanikwa iminyaka 5.—kubuye kwafunyanwa ukuba u Witbooi lowo ugqoboze ivenkile e Barkly East ngelotyala unike iminyaka 4 ikati 36.—U *Mkungu* wase Herschel ngoku. beta umfazi ngxenokubukwele — unike iminyaka 2. —U *Jim Mgunshu* wase Alvani ngokuhlaba u Fele—unike inyanga 6.—U *Charles Stephanus Buys* u Myurop ngobudlwengu ku Meta Mopane—ukululwe.—U *Grey Halifax* no *Richard Jones Kelly* ngo-kwenzakalisana xa babesilwa — emnye udliwe £200 kanye inyanga 6.

E-BHAYI.—Kulixesha elifanelekileyona kwabantsundu ukuba babe ne "Tourname?"—Lombuzo ubupambi kwentlanganiso yododana lwase Bhai ngo March 21, 1890, ubupakati kwalamanene Mr. E. Mdolomba no Rev. Jno Win. Gawler, Mdolomba umele ngokukuluni indawo yokuba kuxesha kanye kwabantsundu ukuba bababene Tournament, u Mr. Gawler exhatisale indawo yokuba alikafikeli tina bantsundu ixesha le Tournament. Ibe shushu yamandni ingxoxa, yada i Chairman yalamlu nge voti, eme ngoluhlobo,—abate alikafiki ixesha babe 4; abate selifikile babe 14, waba uyoyisa u Mr. Mdolomba nge 10. I-Chairman u Mr. Ncapai ibonise ngamafupi indawo yokuba mayiqondwe yona inyaniso okokuba isekubeni alikafiki ixesha le Tournament, nokuba lingaba selisemnyango kodwa okwangoku alikafiki, neyaka yabako yayihlisa inxenye yababeyile abanye nangoku basalila.

EZABA BHALELI.

ABANTSUNDU NE "CIVIL SERVICE NKOSI. — Kauncede usipe nati kulomvaba yamaciko namayilo: Ndifuna ukuposa zwana linye malunga nenetoto yenu ne *Port Elizabeth Telegraph* ebikwi " *Notes of Current Events* " ze Mvo ye 6 ka March lo—ebisuswe nguwe, malunga nokukangela amalungelo anikwa abantsundu abafundileyo kwi *Colonies* ezinjengo Natal noz India. Ke ndawo ite 'yandenza okokuba ndikukataze ngokuba ndipose zwana, ndibone i *Cape Mercury* kanjalo, itelela kwakuwe ngokuti masizifi *qualify* ngokungena kwi *Civil Service Exams.*, ukuze kubeko imfanelo namalungelo okokuba ontsundu angene esihlalweni sokutembeka (*positions of trust and responsibility*). Endaweni yokuqala i *Mercury*, ilibele mhlaimbi ayazi ukuba kuzo zonke izikolo zetu bantsundu akugqitwa ukufundiswa kuma bakala e *Elementary Subjects*—ngomyalelo wakomkulu ukuba andiposisi Kodwa ke eyona ndawo ndifuna ukuyibuzisa efanele ukuba nipantse nayilibala nomngane wako u *Mercury*, nantsi. Nina nobabini njengokuba zingaka nje e Koloni i *Civil Servants* ezimhlope; zingapi zine *proper qualifications*, yoku pasa i *Civil Service Exams?* Nditamba ngokuqinisekileyo okokuba nazi kakuhle okokuba kususela kwi *Independent M.L.A.*, kude kubeko mantyi, (ndingasateti nge Field-Cornets, ne Jurors—kuba zonke zona zipantse zazidenge ngangokuba azisazi nesi Ngesi ngokwaso ezinye kunzima nokubhala igama lazo :) Ke nkosi, nditilo lo nkita injalo izalise le Koloni isezindaweni zokutenjwa nembeko, inazona iziqiniseko zokupasa i *Civil Service Exams?* Into eyinene yona inye" kule Koloni, eyakupuma kade pakati kwabamhlope no Rulumente betu, basene *Deadly prejudice nekete* lokucapukela tina midaka. Nantso into engaba kufupi nenyano sa beteta yona, bayeke ukuteta into eninzi—kuba nase Palamente paya kuko izitunzela zo Oom *Baas*, ezingazi nento ngesi Ngesi, abangeze bampase no Standard IV, o Oom Flepu M.L.A.—hai bo ! Gqibi ke ! Ndim oFlepu SABLE AFRICAN. Basutoland, 10 March, 1890.

ULWALUKO LWENTSAPU YOBAPTIZO

